

Epreli
2011

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445
24 Hour Emergency Fire Brigade	028 313 8000/8111	028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e - Bhunga le Overstrand esesikweni

• ISINDULULO SOCHATHA WESI-5 EKHULWINI KWIIRHAFU ZEZINDLU ZABAHLLALI

LUSAQHUBA ULWABIWO-MALI OLUKHUTSHWE KWANGAPHAMBILI

Imigaqo-nkqubo yesicwangciso so-Lwabiwo-Mali Lokusebenza Nolwemali Eyinkunzi lowama-2011/12, uqikelelo lolwabiwo-mali lowama-2012/13 nolwama-2013/14 kunye nesicwangciso solwabiwo-mali ithiwe thaca kwintlanganiso yeBhunga yangoFebruwari, kusasele inyanga ngaphambi kwexesha layo eliqhelekileyo. Isicwangciso Sophuhliso Oluhlonjyelweyo sokugqibela esilungisiweyo sowama-2006 ukusa kowama-2011 naso sithiwe thaca etafilini.

USodolophu, uCeba uNicolette Botha-Guthrie, ubancomile bonke ababandakanyekileyo – ukuqala kumagosa, ocebaba, ukuya kutsho kumalungu eekomiti zeewadi – abenze umsebenzi onzima nokusebenzisana ekugqibeni ulwabiwo-mali kusasele inyanga nokuwugqiba lo msebenzi ngaphambi kolonyulo loomasipala ngomhla we-18 kuMeyi nonyakanje.

La maxwebhu enziwe afumaneka kuluntu ukuze luwahl' amahlongwane phezu luze emva koko luphefumle malunga nawo de kube sekupheleni kukaMatshi kwaye ezo zimvo ziya kunikwa ingqwalasela kwiziphakamiso zokugqibela zolwabiwo-mali kwintlanganiso ekhethekileyo yeBhunga ecetywe ukubanjwa ngomhla wesi-4 kuMeyi wama-2011.

Lulonke ulwabiwo-mali – olukuse-

benza nolwemali eyinkunzi – lumalunga nezigidi ezingama-R922 ngowama-2011/12, nto leyo eya kuba nochintsi omkhulu kuqoqosho lwasekuhlaleni, ngexa zona iindleko zabathengi zigcinwe kuchatha wesi-5 ekhulwini kwirhafu yezindlu, isi-8 ekhulwini kwirhafu yamashishini nesi-8 ekhulwini kwinkonzo zabathengi, ngaphandle kombane.

Ulwabiwo-mali olucetywayo lumalunga nezigidi ezili-R177 935 000 ngowama-2011/12, uchatha wesi-6,7 ekhulwini kulwabiwo-mali oluhlangahlengisiweyo lowama-2010/11 oluzigidi ezili-R166 705 000. Unobangela woku kukuba umasipala uye wa-fihl' induku emgqubeni ngeziseko zophuhliso ezitsha nokuphucula iziseko zophuhliso ezikhoyo kule minyaka mithathu igqithileyo ukuze asompe intsindabadala yokurhuq' emva kunye nengxaki edalwa ziziseko zophuhliso ezindala ekuhanjiseni kweenkonzo.

Imali eya kuse-tyenziswa iya kukuba zizigidi ezingama-R94 eya ku-

phuma kwimithombo yayo kunyaka ozayo, kodwa kunyaka ozayo oku kuya kufuna kulungelelaniswe iindleko kunye neentsiba ngenxa yokuba ukubaleka ngaphandle akunto eza kuhlala isenzeka. IBhunga lijonge ukuphosa kule mali ngemalimboleko yezigidi ezingama-R50, imali efumaneka ngokuthe ngiswa kwemihlaba emalunga nezigidi ezingama-R34 nemali eziinkozo engangezigidi ezisi-R8,5. Le mali ayiquki imalimboleko eyenzelwe amanzi, uguityulo nombane.

Umyinge onangezigidi ezi-R6,5 uphoswe kwiipprojekthi zeewadi ezingama-R500 000 kwiwadi nganye kwezili-13 eziza kudalwa lulonyulo looma-

sipala.

Ulwabiwo-mali lweenkcitho zokusebenza ezicetywayo ngowama-2011/12 lungangezigidi ezingama-R744 337 000 xa luthelekiswa nolwabiwo-mali olukhoyo ngoku oluhlangahlengisiweyo oluzigidi ezingama-R682 262 000 nto leyo ebonisa uchatha we-9,1 xa kuthelekiswa nochatha wama-23 kulwabiwo-mali lowama-2009/10. Iyonke imali yolwabiwo ecetywayo ingangezigidi ezingama-R658 658 000, ngaphandle kwemali yezibonelelo. Le nto ihlobene nolwabiwo-mali oluhlangahlengisiweyo lwezigidi ezingama-R584 660 000 ngowama-2010/11 yaye lubonisa uchatha we-12,65 ekhulwini.



KUGUG' OTHANDAYO

UQIKELELO-MAXABISO JIKELELE LUSENDLELENI

Uxwebhu lwemihlaba lukamasipala olukhoyo luphelelwa ngomhla wama-30 kuJuni wama-2012 apho kuya kuthi kuqale ukusebenza koxwebhu olutsha loqikelelo-maxabiso ngomhla woku-1 kuJulayi wama-2012. Umhla wokwenziwa koxwebhu olutsha loqikelelo-maxabiso ngumhla wesi-2 kuJulayi wama-2011; ngamanye amazwi, ixabiso lemihlaba ekuxwebhu olutsha luya kuthelekiswa naweemarike zemihlaba ngomhla wesi-2 kuJulayi wama-2011.

Emva kwethenda kawonke-wonke, iBoland Valuers CC, ekwangumfela-ndawonye wabaqikeleli bamaxabiso abenza

ingxelo jikelele yowama-2007, iphinde yabekwa ukuze yenze lo msebenzi.

Abo baqikelela amaxabiso sele betha bhazalala ukususela kumhla woku-1 kuFebruwari wama-2011 ngenjongo yokuqokelela inkcazelo, kwaye abahlali bakaMasipala wase-Overstrand bacelewa ngesihle ukuba babambisane nabo kangangoko. Abo baqikelela Amaxabiso baya kwahluka ngokucacileyo.

Uxwebhu olutsha loqikelelo-maxabiso luya kupapashwa kuphela emva kokuba le nkqubo yoqikelelo-maxabiso igqityiwe. Ngoku sikwinqanaba loku-ba, njengesiqhelo, abanini-mihlaba banikwe ithuba lokufaka izimvo ezinga-

vumelani nolu xwebhu baze benze amagqabaza kwiBhodi Yezibhenzo Zoqikelelo-Maxabiso. Olu qikelelo-maxabiso lwenziwa ngokoMthetho Weerhafu Zemihlaba wama-2004.

Umhla wesi-2 kuJulayi uya kusetyenziswa kwixa elizayo njengomhla woku-faka uqikelelo-maxabiso oluthe chatha.

Imibuzo kwakunye neengxaki odibana nazo mayela nabo baqikelela Amaxabiso inokubhekiswa ngomnxeba kule nombolo: 028 313 8000 okanye ngeimeyili apha:

bauermeister@overstrand.gov.za uyijolise kuMnu. Kobus Bauermeister okanye uNkos. uCarien de Beer.

NgoLwesine umhla we-10 kuMatshi wama-2011, zinkonde neenkondekazi ezingaphezu kwamakhulu amathandathu eziphume imbombo zone ze-Overberg kwana-kwezinye iindawo ukuza kuthabatha inxaxheba kusuku lwemidlalo apho zithe zashiyana ngotyefezo malunga ngobuchule nangokuthamba kwemizimba yazo kukhuphiswano olunjenge-egg-and-spoon, njalo-njalo. Nanjengoko beluquqezelwe yintlangano eyi-Age-in-Action kunye noMasipala waseOverstrand, olu ibilisuku lokubonisa imbeko kubantu abadala ngegalelo ebebenalo ekwakheni isizwe kwixa elidluleyo. USodolophu uNicolette Botha-Guthrie ubabongoze ukuba baxhakamfule onke amathuba abawafumanayo ukuze babethelele kulutsha lwanamhlanje imigaqo yokuba ngabemi abalungileyo.

JONGA AMANZI AVUZAYO

Amanzi avuzayo anokubetha ngamandla ngokwasemalini ngenxa yamabaxabiso eerhafu aza kusetyenziswa ngu-Masipala wase-Overstrand.

NgokeMgaqo-Nkqubo kaMasipala wase-Overstrand Wabathengi, Wolawulo Lwamatyala Nowokuqokelelwa Kwamatyala abathengi banemfanelo yokuhlalwula ityala elipheleleyo xa amanzi evuza kwimitha yabo yamanzi.

Umahluko ubakho kuphela kwiimeko apho amanzi egqajuzwe ngolunya okanye xa umasipala ebelungisa imithombo yakhe yaye umoya usenokuba uye waphazamisana nokufundwa kwe-mitha.

Xa egqajuzwe ngolunya, oku makuxelwe emapoliseni kuze kufunyanwe nenombolo yetyala. Ukhumbule ukuba lo mba uya kuphandwa ngokufaneleki-leyo nangumasipala yaye kwenye imeko kwafunyaniswa ukuba ingxelo efungelweyo (affidavit) eyenziwa ngumhlali yayiyeyobuxoki, yaye ngoku ityala lenkundla lokuxoka phantsi kwesifungo (perjury) longiye kumaqamashangusha alo mthengi.

Amagqabaza malunga namatyala aphazulu amanzi anokubhekiswa kulawulo ngokutsho koMgaqo-nkqubo yaye akanakubhekiswa kwiBhunga.

Nangona ke bethu kunzima ukuyenza le nto, into ebalulekileyo apha yeyokuba akuyonto ilungileyo kaloku ukuba kuhlalwule bonke abarhafi ngenxa nje 'yokungakathali' kumntu omnye, kuba ilahleko yamanzi idl' imali nayo. Nangona kusenokwenzeka ukuba asiyongxaki ebangelwe nguwe ukuvuza kwamanzi, luxanduva lwakho ukuhlola rhoqo imibhobho yakho yamanzi kunye nemitha. Oko kuya kukunceda ubone uze ulungise ukuvuza kwamanzi kwan-goko.

Ubukhulu becala kwenzeka ilahleko enkulu yamanzi kwimizi ye-eholide. Eyona nto ofanele uyenze kukucima uqhagamshelwano lwamanzi xa kungekho mntu uza kuhlala kuloo ndlu

kangangexesha elide. Ukuba kufuneka ahlale evuliwe ngenxa yezinye izizathu, ufanele ucele umntu oza kuhlola indlu rhoqo.

Ukuhlola imitha yamanzi rhoqo emva kokuvala zonke iimpompo endlwini

kuya kukunceda ubone xa kukho ukuvuza phantsi komhlaba okanye ukuvuza kwemibhobho ethile endlwini. Ukuvuza kweempompo nezindlu zangasese kunokubangela ilahleko engeyomfuneko yamanzi.



INTO EYENZIWE YI-OVERSTRAND

I'Hermanus idlale indima ephambili ekusungulweni koKhenketho loMzantsi Afrika ngoLwesihlanu umhla wama-25 kuFebruwari wama-2011 xa amaqela angamashumi amabini abakhweli beebhayisekile abakudidi oluphezulu apha eMzantsi Afrika nakwamanye amazwe beebekhululwa nguCeba uBen Solomon besuka kwiZibuko Elidala kwisigaba esandulela esokugqibela sesi siganeko sitsha sichulumancisayo sogqatso lweebhayisekile. Ukusindleka amaqela esigaba sesithandathu solu gqatso kuthe akwaphelela nje ekubhengezweni ngamaziko osasazo amazwe ngamazwe e-Overstrand kodwa kuye kwaxatyiswa kakhulu ngabaququzeleli kwakunye nabo bebenenxaxheba kulo ngenxa yemibalabala kwaza kwasusa nendulumbane esikolweni nakwabo banomdla ngesi siganeko.



KONWATYISWA ULUNTU

Iiklasi ze-*gratis* ebeziqhutywa ngempelaveki yokugqibela kuFebruwari sisibini iZAPPA MAINOLFI ephuma eYurophu ziye zazinyaswa linani elihle labantu, yaye bonke abo bebezizimase baye abayivala imilomo bebulela i-Overstrand Arts/Kunste (OAK). Okulo mfanekiso apha nguLorenzo van Schalkwyk omnyaka ili-16, umfundi waseHermanus High School, ojonge ukwenza iimviwo zase-UNISA zeGrade 5 ngo-Apreli. ULorenzo lo ukwakwiBhunga Ledolophu eliSelula. Ngo-Mgqibelo, umhla we-16 ku-Apreli wama-2011, i-OAK iza kube isindleke inkqubo yomculo wemvumikazi yodumo yaseKapa ye-soprano uLente Louw, umvutheli we-clarinet uDavid Little kunye nomdlali wepiyano uAlbie van Schalkwyk. Kuza kube kudlalwa nomculo wezinto zooSchumann, uSpohr kunye noSchubert. Amatikiti abiza ama-R80 nama-R40 kubafundi. **Zibekele indawo eBELLINI kule nombolo: 028 312 4988.** Nayiphi na imibuzo onayo ungayibhekisa kuRené du Plooy kule nombolo: 082 940 4238.



Ukhuphiswano lombhoxo lufikelele kumagqibela kankqoyi

Nonyakanje, uKhuphiswano lo-Mbhoxo lokuqala lukaSodolophu apha e-Overstrand lushiye wonk' uba-ni exolile yaye amagqibela kaNkqoyi ahlobis' igazi alindeleke ngoMgqibelo umhla we-9 ku-Apreli wama-2011 kumabala emidlalo aseMount Pleasant.

NgoFebruwari nangoMatshi, amaqela asekuhlaleni amathandathu ebeshiyana ngotyefezo, qela ngalinye lidlala nelinye ukuze kubonakale lawo aza kunyathelana ekugqibeleni. Iziphumo ke zithi ii-Black Leaves (zaseGansbaai) kunye neKleinmond ziza kudlala umdlalo ophambili yaye eliphumeleleyo liza kuhamana neNdebe kaSodolophu.

IHawston kunye nee-Atlantics (zaseHermanus) ziza kuxhithana ngendawo yesithathu zize zona ii-Black Birds (zaseHemel-en-Aarde Valley) kunye nee-Universals (zaseStanford) zixhithane ngendawo yesihlanu.

Zibe ninzi ke nezibambis' ongezantsi eziye zenzeka kolu khuphiswano apho ii-Black Birds zithe zazibhulela amasaka ii-Black Leaves, ezidlala

kumbutho weembalasane waseBho-lani, nto leyo mhlawumbi edale unxunguphalo. Noko ke, kubonakala ngathi ikhwelo elite lahlalwa loku-ba la makhwenkwe azimisele alisa-bele kwangoko yaye kuza kudlan' iintsimbi zodwa kumagqibela ka-Nkqoyi.

Abathandi bombhoxo banokulin-dela umdlalo onmandi wombhoxo kweli xesha lizayo leeholide apho kuza kungenwa simahla. Hlala unga-semoyeni ukuze wazi inkqubo yaloo mini, eza kuqukunjelwa ngexesha lokushicilelwa kwalo Lindixesha.



0800 701 701

Ubhalisa njani ukuze ufumane inkonzo ye SMS ka Masipala?

Thumela i-SMS enenombolo ye akhawunti kamasipala namagama athi **SMS** kule nombolo **082 338 1631** okanye uqhagamshelane nesebe loncedo lwabantu kwifosi yokurhafa ekufutshane kuwe.

